


INgwenya neNkawu zazingabahlobo

Ntombikayise Malaza Sibusiso Khumalo



isiXhosa First sentences



INgwenya neNkawu zazingabahlobo abakhulu.

INgwenya yayihlala emlanjeni.

INkawu yayihlala kumthi owawungasemlanjeni.




INgwenya yayisitya iintlanzi ezisemlanjeni.

INkawu yona yayisitya iziqhamo ezisemithini.




INgwenya yayigulelwa kakhulu ngumntwana wayo.

Umakhulu weNgwenya wayixelela wathi, "Sisibindi seNkawu kuphela esiya kunyanga umntwana."




INgwenya yayimemela emzini wayo emlanjeni iNkawu.

INgwenya yathi mayibelekeke kuyo emqolo iNkawu.



Bathi besadada njalo, iNgwenya yaxelela iNkawu ngomntwana wayo ogula kakhulu.

"Sisibindi seNkawu kuphela esinokumphilisa," yancwina kalusizi iNgwenya.



"Ngowundixelele phambi kokuba sisuke!" yatsho kalusizi iNkawu.

"Isibindi sam ndisigcina emthini, masihambe siyokusithatha," yatsho.



INgwenya yadada yabuyela emva elunxwemeni.

INkawu yaxhuma yehla kumhlana weNgwenya yabaleka yakhwela emthini.

Yalinda iNgwenya.



Yalinda undolinda iNgwenya, yabe iNkawu ingabonakali nangetshengele.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).









The Ulwazi Lwethu readers and storybooks have been quality assured and approved by DBE.

Your attribution should include the following: Title: INgwenya neNkawu zazingabahlobo

Author/s: Ntombikayise Malaza Translator/s: Sheila Mandlate Illustrator/s: Sibusiso Khumalo

Assurer/s: Bulelwa Nokele, Angelinah Dazela

Language: isiXhosa

© Zenex Foundation - Saide 2025 (Updated Edition)

CC BY includes the following elements:

BY () - Credit must be given to the creator





